## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ISICATSHULWA A

1.1 Kukwenzela ukuba angazisi engozini eyibona √/ yindlela indalo ekhusela ngayo umzimba womntu kwizinto ezilutshaba lwawo. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

1.2 Lubanceda xa beqeqesha abantwana babo bebakhwebula kwizinto ezingezizo. √ (1)

1.3 Ukufeketha kukusoloko umntwana elila okanye ekhala, de alilele okanye akhalele nento engekhoyo. √√ (2)

1.4 Imisholugu √/ izithunzela √/ iziporho √/ ootsotsi. √

**(Nasiphi na isibini)** (2)

1.5 Andihambisani, kuba umthetho olawula izikolo uthi abantwana mabangabethwa. √√ (2)

1.6 Ubonisa indelelo. √ (1)

1.7 Untlinintlini. √ (1)

1.8 Esi sini sikhuliswe ngendlela yokuba sicinge ukuba kulihlazo ukukhala xa uyindoda, oko kubangelwa kukukhuliselwa ukuba amadoda abe ngabakhuseli bekhaya nesizwe. √√ (2)

ÉcoleBooks

1.9 Isifaniso √ (1)

1.10 Lityhila ukuba wayenamathandabuzo adalwa luloyiko, nanjengoko isicatshulwa sisithi wayengaqhelani neendawo ezinyukela esibhakabhakeni. √√ (2)

1.11 Lusetyenziswe ngokubonakalisa uloyiko lombhali kumazwi athi, 'Ndithe ndiyaqabuka naso isiyezi nokuxuxuzela kwamathumbu'. √√ (2)

1.12 D √/ D. Sandulelwa sisenzi u-thi √/ sandulelwa sisenzi u-thi. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

1.13 Engandibongozi. √ (1)

1.14 Uthe xa sele ehlekwa ephantsi wathi ebengalili koko ebesonwabisa abantu. √ (1)

1.15 Uluntu luyazoyika izinto zendalo, kodwa okubaluleke nangakumbi kukoyika uluntu ukuze umntu achubeke abe nesimilo esilungileyo. √√ (2)

1.16 Ndifunde ukuba uloyiko lolunye uphawu olubalulekileyo kwisimo somntu. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

1.17 Kukho umntwana owoyika ukududuma kwezulu okanye imibane √/ kududuma izulu √/ kulenyeza imibane. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

1.18 Uzogqume ngebhayi √/ uzogqume ubuso √/ ujonge phantsi √ ulibambe waliqinisa eli bhayi. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

1.19 Bubuxoki, kuba abantu abadala xa kududuma baqokelelana ndawonye, nalowo ebetshaya abeke kude loo nqawe, ukanti nalowo ebebukele umabonakude okanye ecofa ifowni uyeka yonke loo nto ngenxa yokoyika izulu. √√ (2)

1.20 Umhlathi wesi-6, √ kuba lo mhlathi uthetha ngokoyikwa kweendudumo abe lo mntwana ukwisicatshulwa B esoyika iindudumo okanye imibane. √ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

## UMBUZO 2

## UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6−7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1−5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

## QAPHELA

- **Imo**
  - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

ÉcoleBooks

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | Okubalulekileyo kukuzamkela kule ndawo ukuyo, ukhawulelane nemeko okuyo ngelo xesha. | 1 | Eyona nto ingundoqo kukwamkela indawo okuyo, ujongane nemeko leyo ukuyo ngaloo mzuzu. |
| 2. | Ukuba ufikelela kwinqanaba lokuba uzive unomoya ophantsi wuyeke umzimba wakho wamkele olo vakalelo, kodwa oko kungathathi ithuba elide | 2 | Xa sele ukwimeko yokuba uzive wehlelwe ngumoya yekelela umzimba ukwamkele oko okwethutyana. |
| 3. | Ziqhelanise ukwamkela ukuba iintsuku azifani, okwenzeka namhlanje akusosikhokelo sokuza kwenzeka ngomso. | 3 | Zama ukuyazi ukuba iintsuku azisoloko zifana, ngoko ke izinto ezenzeka namhlanje zingangenzeki ngomso. |
| 4. | Musa ukumilisela ingqondo yakho kwizinto ezingahambi kakuhle kuphela. | 4 | Musa ukusoloko ucingana nezinto ezingenzeki ngohlobo onqwena ngalo kuphela. |
| 5. | Zama ukuliphikisa ilizwi eliza noxinzelelo lwengqondo, kuba ukuba uyalikholelwa maninzi amathuba okuba lifezekiswe. | 5 | Zama ukulwa neengcinga ezikuphathela uxinzelelo, kuba zingaphela zisenzeka. |
| 6. | Yenza izinto othanda nokonwabelayo ukuzenza. | 6 | Yenza izinto ezikholisa intliziyo yakho. |
| 7. | Zama ngandlela zonke ukutya ukutya okusempilweni okufana nemifuno, iziqhamo, inyama engatyebanga kunye neziselo eziphungulwe iswekile notywala. | 7 | Yitya ngokusempilweni ukutya okufana nemifuno, iziqhamo, inyama engatyebanga neziselo ezinika impilo. |

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

Eyona nto ingundoqo kukwamkela indawo okuyo, ujongane nemeko leyo ukuyo ngaloo mzuzu. Xa sele ukwimeko yokuba uzive wehlelwe ngumoya yekelela umzimba ukwamkele oko okwethutyana. Zama ukuyazi ukuba iintsuku azisoloko zifana, ngoko ke izinto ezenzeka namhlanje zingangenzeki ngomso. Musa ukusoloko ucingana nezinto ezingenzeki ngohlobo onqwena ngalo kuphela. Zama ukulwa neengcinga ezikuphathela uxinzelelo, kuba zingaphela zisenzeka. Yenza izinto ezikholisa intliziyo yakho. Yitya ngokusempilweni ukutya okufana nemifuno, iziqhamo, inyama engatyebanga neziselo ezinika impilo.

(70)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

3.1 Coca-Cola. √ (1)

3.2 Kukuthoba unxano. √ (1)

3.3 Ibinzana lithi, 'Dlala udlamkile' ube umfanekiso uveze intombazana ekhangeleka inodlamko iphethe ibhola yokudlala. √√ (2)

3.4 Kubethelela ingcinga yokuba xa unokusebenzisa le mveliso nawe unganodlamko, wonwabe. √√ (2)

3.5 Linika intsingiselo yokuba le mveliso izisa udlamko kulowo uyisebenzisayo. √√ (2)

3.6 Andingqinelani, kuba esi siselo sidume ngokuba neswekile eninzi engunobangela woxinzelelo lwengqondo. √√

**OKANYE**

Ndiyangqinelana, kuba esi siselo sithoba unxano utsho uzive udlamkile ngakumbi xa ubutshiswa lilanga. √√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Ukhamise kakhulu, eqhale namehlo ukubonisa ukuba wothukile nanjengoko nentetho yakhe iveza umothuko. √√ (2)

4.2 Ukothuka kakhulu. √ (1)

4.3 'Ngoku'. √ (1)

4.4 Uyathetha, √ kuba liqam lentetho eliya lisetyenzisiweyo. √ (2)

4.5 Umama kaKanti woyikela impilo yomntwana wakhe xa ebebona into engathi liqhakuva emqolo kuKanti, kanti uKanti yena umbona njengomntu owoyika into engenamsebenzi unina. √√ (2)

4.6 Uzama ukusibonisa inkathalo noloyiko lwabazalikazi ngempilo yabantwana babo, √ kuba indlela othuke ngayo umama kaKanti yinto acinga ukuba liqhakuva kuKanti ibonakalisa ixhala analo ngempilo kaKanti. √

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

5.1 Sandulela isibizo √/ phambi kwesibizo. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

5.2 Obomeleleyo √/ obungqingqwa √/ obuqinileyo. √

**(Nayiphi na kwezi)** (1)

5.3 Qalani √ ngokwakha ubudlelwane nani. √ (2)

5.4 Esinayo. √ (1)

5.5 Umbhali uthe makaqonde √ ukuba akangowokuqala √ nowokugqibela. (2)

5.6 Alikho ibhinqa eliziphilela lodwa lingadingi uncedo lwabanye abantu. √ (1)

5.7 Kumele uzibeke esichengeni. √√ (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM